

Lirolelwa 3/6 nge Kwata (itunywele ingekapeli)
4s ipele i Kwata ingarolwanga.
Unokuhlalelwa wonke Unyaka ekuveleni kwawo ng e 13s 6d
Izaziso Zabazweliweyo, Nembiko, molaIwa 2s 6d, zingene kanycI; 3s 8d kabini; 5s katatu.

IXABISO 3d.]

## IZAZISO ZAKOMKULU.



ZISHICILELWA NGE GUNYA.

ISAZISO SAKOMKULU.—No. 82, 1897.

Kwi Ofisi ye Nkulu yo Nocanda, E Kapa, 17 September, 1897.

NGENXA ye Siqendu seshini so Mto No 15 ka 1887, esite songezelelwa sisiqendu sesine, sesihlanu nesesitandatu so Mto No. 40 ka 1895, kuyaziswa ke kubo bonke ukuba eziliqwenga zilandelelo semihlaba ka Rulumente ezikumandla wase RIVERSDALE, ekungenke kwe Kafir Kulis River, ziya kutcelwa efandisini pambi kwe ofisi ye Mantyi yase RIVERSDALE ngo 10 o'clock kusasa ngo MGQIBELO, 27 NOVEMBER, 1897, ngokwendawo nezigibho zalo Mto ugentla, nendlela yokuyaqitwa kwe fandesi, nangapezu koko ngendawo ezingati zivakaliswe ngemini yefandesi.

Isiqwenga ngasinye siya kutengiswa ngenani elimisiweyo elizi £5, novena intengi onani lipezulu lingangapantsi kwelo limisiweyo uya kuwunika lomhlaba.

Kanjalo umtengi lowo uyakuba nemvume yokuhlala yonke okanye inxalenye yemali awutenge ngayo kwalo mini. Ukuba

(i.) Inlailulo ayitrolwanga ngemini ye fandesi, isiqendu seshumi semali leyo sorolwa ngenyanga ezintandatu, size esinye seshumi sirolwo ngonyaka ukususela kwimini yefandesi.

(ii.) Ze kuti ukuba kurolwe imali engapantsi kwesiqendu seshumi semali otengwe ngayo ngalo mini, esecelo kweso siqendu seshumi yohlalwa ekupeleni kwenyanga ezintandatu, ze isiqendu seshumi esiseleyo sihlautwe ngonyaka ukususela kumhla we ntengiso.

(iii.) Xa ite imali ehlaulweyo ngemini yefandesi yasisiqendu seshumi senani nokuba ihlana pakati kwesiqendu seshumi nesesihlanu senani lentengiso (yomhlaba lowo) intsalela yesiqendu seshilanu senani lentengiso iya kuhlulwa ekupeleni konyaka ukususela kumhla we fandesi.

(iv.) Xa sukuba imali yentengo ingapantsi kweponti ezimashumi mabini anesihlanu, kufuneka nolve yonke njengoko injalo, kwoako, kungajalo irolwe ngezinqingata, ezilinganayo, ezoba nokuyiqgiba ngesituba seminyaka emitatu.

Inzala kwezo siqingata zixeliweyo ngentla apa yoba yi 4 per cent, ngonyaka; ukuhlalwa kwazo ziqingata ndawonye nenzala yazo kuya kulungiswa ngalomhla we fandesi, kubeko isibambiso ezibini eziya kukolisa inantyi, eziya kuti ke ziqinisekise ukuhlalwa kwalo matyala.

Ukuba ke ute utengti, umhlaumbi izibambiso zake azapumelela, okanye azamela. Ukohlalwa imali yokutengwa komhlaba kwisituba sexesha elimisiweyo, kuya kamfanela u Rulumente ukuba akucime oko kutengiswa, ize ite imali ebisihlailaule ingabalelwa kwanto isiwe ku Rulumente.

Indleko zocando, njalo njalo, nezetaitle, yi 12s 3d, ziya kuhlalwa kwi mantyi okanye kunanti owoti amiswe kulondawo ngalomhla we fandesi.

Umtengi xa lite inani layi £25 nangapezulu, unyanzelekile ukuba enze invumelwano yokuba uya kurola inzala eyakuba yi 4 per cent, ngonyaka ku Rulumente endaweni ye four-fifths yemali yentengiso, ade abe ubhalele ngomhla we fandesi ngaphezu kwe one-fifth sayo, engaseyisiti inzala nolve kwe mali ingakuhlalwa, waye utengti enako ukohlalwa imali yemvumelwano naninwa nokuba yinxalenye yayo ingengapantsi kwe £50.

Ukuba umtengi ufuna ukuba ake eme ekuhlauleni intsalela yemali yokutengwa komhlaba kuya kufuneka enze invumelwano yenyanga ezilishumi elingantathu ukususela kumhla we fandesi, engayenzanga onto uya kudivha i 1 /yonke imali selidule ixesha lomnqopiso, ekuya kuti ukuba kude kwapatelela kwinyanga ezilishumi elinesibhozo emva koko lomali isecelo kunye ne nzala yeye yokudlwa ukuba iko kufuneka eyihlaute iyokuhlanganiswa nokokuba kukuyi pina inkundla, oki ukuba akayiroli emva kwenyanga, sakuba isigwebo swile lomhlaba uhlatwe ngn Rulumente, ze imali abe seleyirohile ibe yeka ngu Rulumente.

Izalatiso nemigaqo yefandesi ingabonwa kwi ofisi ye Nkulu yo Nocanda e Kapa, nakweye Mantyi e Riversdale.

J. TEMPLER HORNE,
Surveyor-General.

Kumandla wase Riversdale.

Ekungeneni kwe Kafir Kulis River.

Inani lentengiso kwi Lot nganye yi £5 indleko zocando yi £2 3s 6d.

Lot No 7958 Erf No Lot 11, Block A, ububanzi 45 square roods.

Lot No 7960 Erf No 14, Block A, ububanzi 45 square roods.

Lot No 7961 Erf No 15, Block A, ububanzi 45 square roods.

Lot No 7962 Erf No 16, Block A, ububanzi 45 sq rds.

Lot No 7963 Erf No 17, Block A, ububanzi 45 sq rds.

Lot No 7964 Erf No 18, Block A, ububanzi 37 sq rds 24 sq ft.

Lot No 7965 Erf No 19, Block A, ububanzi 50 sq rds.

Lot 7966 Erf 20, Block A, nbnbanzi 50 square roods.

Lot 7967 Erf 21, Block A, ububanzi 50 squa e roods.

Lot 7968 Erf 22, Block A, ububanzi 50 square roods.

Lot 7969 Erf 23, Block A, ububanzi 50 square roods.

Lot 7970 Erf 24, Block A, ububanzi 50 square roods.

Lot 7973 Erf 27, Block A, ububanzi 50 equate roods.

Lot 7974 Erf 28, Block A, ububanzi 50 square rood

Lot 7975 Erf 29, Block A, ububanzi 50 square roods.

Lot 7976 Erf 30, Block A, ububanzi 50 square roods.

Lot 7977 Erf 31, Block A, ububanzi 50 square roods.

Lot 7979 Erf 33, Block A, ububanzi 50 square roods.

Lot 7980 Erf 34, Block A, ububanzi 50 square roods.

Lot.7281 Erf 35, Block A, ububanzi 50 square roods.

Lot 7982 Erf 36, Block A, ububanzi 50 square roods.

Lot 7993 Erf 11 Block B, ububanzi 51 sq rds 22 sq ft.

Lot 7994 Erf 12 Block B, ububanzi 51 sq rds 22 sq ft.

Lot 7995 Erf 13, Block B, ububanzi 51 sq rds 232 sq ft.

Lot 7996 Erf 14, Block B, ububanzi 51 sq rds 232 sq ft.

Lot 7997 Erf 15, Block B, nbnbanzi 58 sq rds 46 17 sq ft.

Lot 7998 Erf 16, Block B, ububanzi 49 sq rds 77 sq ft.

Lot 7999 Erf 17, Block B, ububanzi 49 sq rds 77 sq ft.

Lot 8000 Erf 18, Block B, ububanzi 49 sq rds 77 sq ft.

Lot 8001 Erf 19, Block B, ububanzi 49 sq rds 181 sq ft.

Lot, 8002 Erf 20, Block B, ububanzi 49 sq rds 77 sq ft.

Lot 8003 Erf 1, Block 0, ububanzi 50 sq roods.

Lot 8004 Erf 2, Block C, ububanzi 50 sq rood. Lot 8006 Erf 4, Block 0, ububanzi 50 sq roods.

Lot 8007 Erf 5, Block C, ububanzi 50 8 roods,

# IMVO NELISOLOMZI.

(NATIVE OPINION AND GUARDIAN.)

*Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories,*

KING WILLIAMS TOWN, CAPE COLONY, THURSDAY, NOVEMBER 25, 1897.

## A. W. FISCHER (Umzi obesakuba ngoka A. BEET) E MONTI

Usand’ ukufikelwa Yimpahla Entsha entle kunene, IPrinti, CREPONS, GRASS LAWNS, njalo njalo. INGUBO

ZAMANE NE.—Kwezamanene kusand’ ukuvulwa EZIBUHLUNGU I-Twidi EZIBANDAYO, NEZIMNYAMA, ezitengiswa NGAMANANI APANTSI PAKULU.

AMACICI E-GOLIDE NAWE SILIVERE.

## A. W. FISCHER, (Umzi obasakuba ngoka A.Beet)

ARGYLE STREET, E MONTI.

## IKAYA LABANTSUNDU

### IMPENDULO.

Kubanyuli besiqingata esingase Mpumalanga:

MANENE,—Ndamkele imbeko yokutunyelwa iqela lencwadi zezicelo, zivela kwiqela elininzi lamadoda apambili angabanyuli, kwindawo ngendawo zesi siqingata, ukuba ndivume ukubuye ndinyulwe kwi Bandla elimisa imiteto, eza kucitakala, ngokupelelwa lixesha, ekupeleni kwalonyaka.

Ndibe kwa nembeko yokuba ndinyulwe ngomoya omnye ngabatunywa be Komiti yonyulo ye Ligi yase Safafika. Ndiyazamkela ezizicelo njengesiqiniseelo sokuloliswa kwenu yinqubo wam yangapambili, nokunditemba kwixesha elizayo, anditandabuzi ukuvuma ukuba ngomnye wabaya kunyulwa.

Senineminyaka niyibona inqubo wam, naye ningacelanga ukuya izimvo zam ngezinto zolaulo, ngoko ke andisakunidinisa ngenteto ende yokucaza.

Kwimicimbi eza kubhele isingatwe engokwandiswa kwe mfundo ifanele ukuba yepambili; ukuba wonke umntwana abe nesikolo anokufikelela kuso, nabazali banyanzelwe ukubatumela abantwana babo ezikolweni.

Ukubalela kwelanga nesibeto sika lindipasi senze ukuba icace ngapezulu imfuneko yomteto wokunceneshela, neyokwenziwa kololwe kulo lonke ilizwe.

Asiyondawo ye Bandla elo lipambili imisebenzi yomzi ejengendlela, kodwa ndinga ndingambonisa u Rulumente imfuneko yololwe pakati kwe Qonce ne Monti nela pesheya kwe Nciba kwa nopapashiweyo wangantsla oya e Matal, oyakwenzeka ukuba kube kapakuzi ngapezulu ukuqitywa komsebenzi wokumba izinyiti ezinqabileyo.

Indawo ezinjenge Tarkastad ne Ngqushwa ziyabafuna ololiwe kwanjengokuba efuneka pakati kwe Alvani ne Herschel nase Lusutu. Njengokuba sendineminyaka ekumashumi omatatu anesihlanu ndiquba ngezibuko lase Monti ndingumrwebi ongenisayo akupe impabla belilizwe, ndiya kukwaka ngelela amalungelo oyo kuzo zombini izindlu ze Palamente, akoko mfuneko yokuba ndide nditi ndiya kusoloko ndijonge ekupumeleleni nasekwandeni kwalo.

Ukuqandwa kotywala kubantu abamnyama ngokwemigaqo yo “ Mteto ka Innes wotywala,” nanjengoko mnqweno waba Nisundu, ndiyakuhlala ndikuxatsele.

Ndiyavumelana nokutotywa kwerafu kwizinto ezidlilwayo ezifunekayo ngokunyanzekileyo, ngohlobo lokuze kungenzakaliswa imali ka Rulumente, kanjalo ndiyavumelana nokuba utywala belilizwe burafiswe. Nayipina indawo eveliswayo eyakuncedisa ukuqubela pambili kwezilimo nemfuyo yelizwe, nokuba yeyokwenza amacebo endlela, ndiyakuyixhasa.

Kwangokunjalo nayipina into eyakubanga ukuvana kwentlanga ngentlanga ezikoyo, nokucuma kwelizwe njenge Koloni yama Ngesi.

Ndim, Manene,

Isicaka senu esitobileyo,

JOHN M. PEACOCK.

Komani, November 10, 1897.

### ISICELO.

Ku Hon. J. L. BRADFIELD, M.L.C. , e Dodroro.

NKOSI,—Tina bamagama angasezantsi, abanyuli ngokomteto, besiqingata sangase Mpumalanga, siyakucela ukuba ubengomnye wabaya kunyulelwa esisiqingata kwi Botwe elenza imiteto.

Sinitemba ukuba imisebenzi yako eyaziwayo kakulu nezimvo omana uzivakalisa zanele ukusibonisa ukusifanela kwako isitulo kwi Bandla elimisa imiteto.

Siti, Mnumzetu,

Abako ngenene,

## IMPENDULO.

Kubanyuli besiqingata sangase Mpumalanga:

MANENE,—Ndamkele incwadi eziliqela zezicelo ezivela kwiqela elininzi lamadoda abalulekileyo angabanyuli kwindawo ngendawo zesi siqingata, zindlelela ukuba ndivume ukunyulwa ndimele esisiqingata kwi Bandla elimisa imiteto.

Kuyandivuyisa kunene ukuzamkela izicelo zenu, nokunditemba okuveliswa yimisebenzi eqgiteleyo. Enikuvakalisileyo akunakuba kungamvuyisi abenlungelo lokunimela iminyaka esixenxe, kumomeleze ukuba enze amanye amalanga okuba abalale etjenjwe.

Ndzimisele ukuzihambela zonke indawo zesi siqingata sibanzi sibalulekileyo ngapambi kunyulo ukuze ndizazi zonke indawo, ukuze ndibe nokuziqonda inqubo nenguqulo ezibangwe yiyo, kukona ndoba nokuzazi izinto eziswelekileyo nezifunekayo kwizipalukana zonke, ndize ndibe nako xana ndinyulweyo ukuteta ndiqonda kwinxoxo ezingati zibekwe pambi kwe Bandla ezipatelele kuni.

Ndim, Manene,

Owenu onyanisekileyo,

J. L. BRADFIELD.

Dordrecht, 11 November, 1897.

# Unyulo Iwe Bunga Elenza Imiteto

Kwisinqlngata Sase Mpumalanga.

Hon. J- L. BRADFIELD, M.L.C., Hon. J. M. PEACOCK, M.L.C., no Colonel Z. BAYLY, C.M.G., botyelelela ezindawo zikankanywe ngapantsi apa, ngamaxesha, nentsuku ezixeliweyo, baze benze inteto KWINTLANGANISO ZABANTU BONKE becacisa izimvo zabo.

INDAWO.	USUKU.	INTLANGANISO
Qumra	... Mgqibelo,November 27th	... 3 p.m.
Egcuwa	... Mvulo, do 29 th	...
Edutywa	... Sibini, do 30th	...
Umtata	... Sihlanu,December 3rd	... 8 p.m.
Qumbu	... Mgqibelo, do 4th	
Mount Frere	... Mvulo, do 6th	
Mount Ayliff	... Sibini, do 7th	
Kokstad	... Sihlanu, do 10th	... 8 p.m.
Cedarville	... Mgqibelo, do 11th	
Matatiele ... do	do 11th	... 8 pm.
Mount Fletcher...	Mvulo, do 13th	
Maclear	... Tatu, do 15th	... 12 noon
Ugie	... do do 15th	... 8 p.m.
Cala	... Sine, do 16th	... 8 p.m.

Kwindawo ezingena ntlanganiso zilungiselelweyo abameli abatatu bovuya ukuhlangana nabantu nangalipina ixesha elingati libalungele.

ELIPEPA LIPUMA

NGOLWESI-NE

IVEKI ZONKE

Lijonge Ilungelo Lomzi kupela.

Limcele imfanelo ya Bantsundu ngapandle

koloyiko.

Alicaluli Sizwe nalu Nqulo.

[Vol. XIII, No. 683

# BAKER, BAKER & CO

# IMPAHLA EZINTSHA.

Imiqulu Engama 350 ye Mozleni Emhlope nezi Krim, nge

4 ½ d, 5d, 6d, 7 ½ d, 9d, 10d ne 1/- nge yadi enye.

Iprinti Ezintsha, 5d, 6d, ne 7 ½ d nge yadi enye

Izephyrs ezi Pinki nezi Blowu, ezingena buqenene,

ezinemigca ete-tshuqu, nezincinane, 5d, 7 ½ d, 9d, ne

10 ½ d nge yadi enye.

Emitsha imichako yokwenza ihempe, 5d, 6d, 7 ½ d ne 9d

nge yadi enye.

Ezintsha i Flannelettes ezi Pinki, nesi Blowu, nezi Krim,

Nezimhlope, 5d nge yadi enye.

Isilika Ezimhlope nezi Krim, Zokutshata zona, 10 ½d, 1/-,

1/2,1/3,1/4 ½,1/6,1/11. 2/6 nge yadi.

Idazini ezilikulu le Zambrelu Zelanga (Ezimhlopi),

Nezambrelu Zemvula; ziko ezamanani onke.

Iminqwazi Yesitroyi emitsha engama 750.

# IMPAHLA EZINTSHA

KWA

# Baker, Baker and Co.,

U W. THOMSON, ONE VENKILE, E WHITTLESEA,

SESONA Sitora sisiso e Whittlesea nakulo mandla. Sinazo zonke intlobo zempahla. Zonke izinto zezifanelekileyo zaye zitengiswa tshipu. Kusoloko kufika impahla ezintsha.

Ilokwe, Iprinti, Inainsook, ne Muslin, Keleko, Iqiya, Ihempe, Ibatyi, Ibulukwe, Ityali, Ishiti, Izihlangu ne Shuzi, Ikofu, Swekile, Ti, Umgubo, Iparafini, Icuba, njalo njalo.

Abantu Bamkelwa Ngobubele.

# Beauchamp, Booth Co.

E QONCE.

*Siyanzisa ukuba siwafezile amalungiselelo ebe siwenza sine*

# Mpahla Ezintsha!!

I GERMAN PRINTS, ezona zilungileyo yi 6d. i yadi.

IZITAFU Ezipindiweyo (double width) intlobo zonke zamabala yi 1/- iyadi (ngamanani alula).

ITYALI ezintsha zoboya ezisandulu kufika ze-nziwe kakuhle ziqala kwi 4/- ziye kwi 40/- inye.

IHEMPI eziyi micako ezomeleleyo ye 6d 7 ½ d, 9d, nge yadi.

*ILOKWE ZOKUTSHATA esezenziwe kade ziqala kwi £1 5s, zide yiye kwi £5, zinako nokudolwa ze zenziwa kwa oko.*

IVEYILE ZABATSHAKAZI, intyantyambo.

IZIHLANGU ne SHOES nayo yonke into engafunekayo yomtshato.

Yizani Kubona Isitora setu esikulu esitsha. ’

# Beauchamp, Booth & Co.,

Late JOHN J. IRVIN & Co.

Lot 8008 Erf 6, Bieck C, ububanzi 50 sq roods. Lot 8014 Erf 12, Block C, ububanzi 50 sq roods. Lot 8015 Erf 13, Block C, ububanzi 50 sq roods. Lot 8016 Erf 14, Blook C, ububanzi 50 sq roods. Lot 8017 Erf 15, Block C, ububanzi 50 sq roods. Lot 8018 Erf 16, Block C, ububanzi 50 sq roods. Lot 8019 Erf 17, Block C, ububanzi 53 sq roods 74 88 sq ft. Lot 8020 Erf 18, Block C, ububanzi 53 sq roods 74 88 sq ft. Lot 8021 Erf 19, Block C, ububanzi 53 sq roods 74 88 sq ft. Lot 8025 Erf 24, Block C, ububanzi 50 roods. Lot 8026 Erf 25, Block C, ububanzi 50 sq roods. Lot 8027 Erf 27, Block C, ububanzi 50 sq roods. Lot 8029 Erf 29, Block C, ububanzi 50 sq roods. Lot 8030 Erf 30, Block C, ububanzi 50 sq roods.

ISAZISO SAKOMKULU—NO. 97, 1897.

Kwi Ofisi ye Nkulu Yonocanda, E Kapa, 20 October, 1897.

Intshayelelo yesizaziso iyafana nesase Ngcobo. Ifandesi lalimhlaba loba pambi kwe Ofisi ye Mantyi o Cumakala ngo 10 ‘ ‘clock kusasa ngolwesi Bini, 28 December, 1897. Imigaliselo nezalatiso ngefandesi ingabonwa pambi kwe Ofisi ye Nkulu Yonocanda e Kapa, nakweye Mantyi e Cumakala.

J. TEMPLER HORNE,
Surveyor-General.

Kumandla wase Cumakala.

Kuba Felkurnei No. 1.

Lot 7913, ongu Lot 59, kumlambo wakwa Zidenge, ububansi 10 morgen. 459 sq roods; apela ngase N.E. ngo lot 31, ngase Zamsi nge lots 56 no 57, ngase Nisobananga ngo lot 58, ngase N.W. ngedlelo. Inani lentengiso £10 15s; indleko zocando £9 3s 96, eye taitile 12s 3d.

Kwintlambo ye Kubusi.

Lot 7947, ekutwaga ngu Lot 41, ububanzi 16 morgen 570 square roods; upela ngase N.E. ngo lot 39 no 40, ngese S.E. ngo lot 44, ngase S.W. ngo lot 42 ngase N.W. ngo lot 36. Inani lentengiso £50; indleko zocando £9 3s 9d, eye taitile 12s 3d.

Lot 7848, ekutwaga ngu Lot 42, ububanzi 12 morgen 237 square roods ; upela ngase N.E. ngo lot 41, ngase S.E. ngo lot







# I Tole le “Mvo.”

“IMVO” (EXTRA.)

## Wuhlabe Ubemde!

UMKOSI wokokuba o Messrs. OWEN and THOMSON sebelungele ukwamkela iodolo zengubo ezisikiweyo. Kauze kwizi tora zetu ukuze ubone intlobo ezininzi ze patroni ze Suti ze 40s., Ibhulukwe 12s. 6d. Umntu uzinyulela i Patroni yake size ke tina sienzenlo Isuti eya kumlingana.

'Impahla yetu entsha ye Bhola isandakufika—Onobhala be Clubs, mababhalelo kuti ukuze Sibatumele uluhlu lwamaxabiso etu e BATS, BALLS, STUMPS, SCORING BOOKS. Kubizwa amaxabiso alula kwi Clubs.

I Reketi ezintsha ze Tennis yi 7/6. Kuko ne Bhola ezintsha.

*Kusandukuvulwa iqiya ezininzi ezintsha nezintle kunene —zofunyanwa ngamaxabiso onke.*

I Silika ezimnyama ezintsha zinkulu kanye.

**OWEN and THOMSON,**  
LATE DYER & DYER, LIMITED.

**R. R. V JEFFEREYS**  
IGOSA LO MANYANO  
**Ngabasebenzi Abantsundu, Ltd.,**  
**E RAUTINI.**

*Queens Town Agency.*

APA kwalatiswa izibonda nabo bonke abantu ngamalungelo kwabantsundu abangaba bafuna umsebenzi kwelc Rauti (e Johannesburg nakumandla wakona) ngolumanyano olungenanto nabu gayi.

1. Abantsundu banikwa imali kaloliwe, eye pass kwanyeo kuqapula ze kanjala banakele imali yokudla xa bese Jubambeni.
2. Ixesha angasebenzela lona umntu alinga pezu kwenyanga ezimbini.
3. Olumanyano luxasa i Komponi ezi 99, elingati iqela lamadoda anga 25 afuna ukusebenza kwi Komponi efile, kuti ukuba kufanelekile atatwe.
4. Abantsundu abaziqeshese ngolo hlobo bayapiwa ukutya.
5. Ize babuyise 30s kumvuzo wenyanga zabo zokuqaqa.
6. Umvuzo ude ufikelele kwi E3 10s. Ngenyanga.
7. Abantsundu abavela e Koloni bakolisa ukuqeshelwa, umsebenzi wangapezulu.
8. Akusetyenzwa nge Cawi ngapandle kokuba kuba kunyanzelekile ukuba kwenjiwenjalo.

Olumanyano luyakuba hlaula abantu abazise amaqela angenga pantsi kwa 25 amadoda asiwe e Komani okanye nakusipina isitishi sika roliwe. Kodwa kwaziswe ogama lingentla.

**Fundan’apa Mafama Ningalibali!**

**Idipu zika BATTLE Zegusha!**

ZIMINYAKA INGAMASHUMI OMAHLANU ZIKO.

*“ NANTS 'INTO OKAD 'UYIFUNA !”*

MAFAMA, ukuba ninga ninganyanga igusha zenu ebhuleni sebenzani nge Dipu zika BATTLE, eyo-Mgubo Nengamanzi. Zezona Dipu Zegusba Ziluogileyo, Zingena ngozi, Zitshipu e South Africa apa, nakulo lonke. Idipu zika BATTLE zegusha zisetyenziswa Ngamafama angawona ate putu ehlabatini; kanifunde incwadi ezingqinayo kumapetshana ashicilelweyo.

Ezika BATTLE Idipu Zegusha “ azike zibulale Gusha ” ; into yazo kunyanga ibula; zilungisa uboya ; zizinika impilo negusha ngokwazo.

Sebenzani kupela ngezika BATTLE Idipu Zegusha; uqiniseke ukuba uzuze eka BATTLE, ukuba unga zingamhlope igusha zako zingabi nabhula.

Banayo bonke abatengisi, Pesheya kwe Nciba, nase Kokstad, Nakwindawo zonke zakwa Rulumente zempahla e South Africa.

**ARTHUR and CO. LIMITED,**

Kupela kwe Arente e South Africa,  
- E BHAYI.

“Imvo” Extra.

THURSDAY, NOVEMBER 25, 1897.

**South African Notes.**

**Murraysburg.**

The drought in several parts of the Colony is becoming serious. In the village of Murraysburg water is being carted about and retailed at so much per bucket, something which has never before been known.

**Cradock**

The Cradock Chamber of Commerce has decided that the Christmas and New Year holidays shall commence on Christmas Eve and extend over the whole of the following week, the stores reopening on Monday, 3rd January.

**Barely East.**

The farmers who have trekked back from Tembuland to their farms in the Barkly East district have been obliged to return to Tembuland on account of the drought. The little grass that there was has been killed by four nights of severe frost.

**Queenstown.**

The sudden death of Mr. Geo. Hay, a well-known resident of Queenstown, took place early on Monday morning at the Hexagon hotel, Queenstown, where he had been staying; the cause of death being the rupture of a bloodvessel.

**Somerset East.**

Rev. E. J. Barrett was to have preached the annual sermons of the South African Methodist Missionary Society on Sunday last. Mr. Barrett (says the *Budget*) is known as one of the ablest and most successful of the Missionaries of the Wesleyan Church of South Africa. Mr. Barrett was appointed by the recent Conference to visit as a Deputation in the District, and he will be the principal speaker at the Missionary meeting.

**Griqualand East.**

Dr. Rein, Inspector of Schools, is still on sick leave. The Superintendent-General has appointed Mr. George Underwood as Acting Inspector in Griqualand East.

The sum of £70 has been collected for a public testimonial to Mr. Stanford, as a mark of esteem for him during the time he was Chief Magistrate of East Griqualand.

**Fort Beaufort.**

It is said that a new Convent or Convent School is contemplated for Fort Beaufort.

Rinderpest is still making sad havoc at Heald Town, especially among the herds of Mr. Wm. Dick.

Rev. W. Holford and family are on a visit to Mr. Wesley Wilson for a short rest from Circuit work in Natal. Mr. Holford is a former principal of the Heald Town Institution.

**Victoria East.**

A murder was committed near Alice on Wednesday week—a Hottentot, a native doctor, having been found dead near Mrs. Moody's. His stepfather, also a doctor, has been arrested on suspicion of the crime.

The new Hospital at Lovedale is expected to be opened by Sir Gordon Sprigg about the end of this month, or at the beginning of the next. The Government contributed £1,000 towards the Native wards and £250 towards the European.

**Uitenhage.**

On Thursday afternoon last a fatal accident occurred on the railway (ballast) line in the vicinity of the Loco. Works. It appears that a coloured boy, named Saice Topani, had been sent to the Workshops with his father's dinner, and took advantage of a ballast train to ride to his destination. Arrived near the Shops, the boy attempted to leave the train while it was in motion, and as a result was drawn under the wheels. Death was instantaneous ; the body was frightfully mutilated, and presented a ghastly appearance.

**Orange Free State.**

Small-pox has quite disappeared from Bloemfontein.

Dr. Leyds is expected at Bloemfontein in connection with the Treaty of Closer Union and Railway Treaties.

Last Saturday night, at a farm near Kroonstad, a Native beer party took place, and some of the drinkers became very intoxicated indeed. Two Natives commenced quarrelling; a scuffle ensued, one of these worthies throwing his mate down and sitting upon him, While this was taking place, a third Native came up and is alleged to have kicked the Kafir, who was on the top of the other, severely about the head. The assaulted man never recovered consciousness, and died shortly afterwards

**Pondoland**

A post office agency has been established at Buntingville. The new office is served by the Ngqeleni rumour.

The drought still continues, and is a terrible drawback to the country. The locusts are said to be in the Umzimkulu district and in Pondoland.

Rinderpest is very prevalent in Eastern Pondoland. Transport riders between St. John's and Kokstad are losing heavily. One man has lost two spans with the exception of three head. Oxen can be bought from Natives in Pondoland for 10s. a head.

**Bedford.**

The protracted drought is causing heavy losses in this district. The veld is burnt up, and there is no water for stock on many farms. What with rinderpest and drought, a farmer's lot is not a happy one just now.

Three Natives, returning home from the railway works in this district, were " stuck up " by a gang of Natives near Dixie's gate on Wednesday evening. The robbers attacked the three men, who threw down their bundles, and used their sticks in self-defence, and while this was going on one of the gang seized the bundles and decamped, his companions following.

**Kimberley.**

Mr. Cornwall has caused a summons to be issued against Mr. Cronwright Schreiner for the alleged libel contained in his letter to the *D. F. Advertiser*, re his disfranchisement.

The Borough Council has referred the question of removing all Native locations outside the town, to the Public Works Committee for report. One ward (De Beers) was cleared a few weeks ago, to the general satisfaction of the white public [and, no doubt, to the great regret of the Natives.—Ed.]

Mr. McAdoo is performing to crowded houses in the Fields. The *D. F. Advertiser* reports that one evening there was not a vacant seat at the Theatre Royal, and of the large audience probably not one left the building in the least disappointed at the entertainment provided by the McAdoo Minstrels.

**Rhodesia.**

His Excellency the Governor reached Salisbury on the 18th inst.

Several Native murderers have been executed during the last few days.

At the Criminal Sessions a man was sentenced to six years' hard labour for taking cattle from Natives.

A man named Maasfield has been arrested and charged with shooting a white man named Williams through the chest.

The Governor of Natal and Lady Hely-Hutchinson were, on Monday week, forced to return to Bulawayo owing to the sinking of the line between Khami and Figtree. One train was stranded in the veld, blocking two further south.

An official notice has been issued by the railway authorities stating that in consequence of the washaway along the line, the train service has been suspended from the 17th instant and until further notice. The breaks are considerably delaying the mail service.

**Bechuanaland.**

There are twelve cases of typhoid in Vryburg.

The drought continues, but the weather now looks promising.

Gert Mahura, a chief, has been committed to trial on a charge of murder.

A white woman has been committed for trial for procuring liquor for Natives.

The case of the Natives charged with rebellion, who refused to be indentured, and are, therefore, standing their trial, has been sent to the Crown Prosecutor to see if he will prosecute, as the evidence at present is considered rather weak.

The Kafir hut, with its circular, pointed roof, is, as is well-known, always an attractive mark for lightning. During Wednesday evening's thunderstorm at Mafeking, a hut in the reserve, with a Native woman and child in it, was struck. The woman was killed at once, being fearfully burnt, and the child died next day. It is said that quite fifty deaths have occurred in the Molopo Native Reserve from the same cause during the last ten years.

**King Williamstown.**

Mr. William E. Haynes has been gazetted Field-cornet for Ward No. 8, *vice* A. Poutz, resigned.

The Nqantosi murderers — Mityi Skoon and Thomas Skoon—were executed at the Jail on Monday last. It is said the female prisoner exhibited great hardihood, and refused to pay any attention to the Rector's ministrations. It will be remembered that the murder—a quadruple one—for which the two Skoons have now paid the penalty, was committed on April 14th last at Nqantosi, in the Stutterheim district.

On Saturday afternoon the grounds of the Residency wore a particularly animated appearance, Mr. and Mrs. Garcia having very kindly placed them

at the disposal of the good Sisters of the Order of the Resurrection, for a Sale of Work, the proceeds of which are to go towards relieving the Sisterhood of some part of the burden of responsibility incurred by them in the erection of a considererable building at St. Matthew's Keiskama Hoek, where Native girls are being trained after the method required by the Education Department for teachers in Aboriginal Schools. The band of the Middlesex Regiment discoursed sweet music. Altogether, about £30 or £40 were taken.

**Natal.**

In the *Government Gazette*, it is notified that Thomas Keir Murray, C.M.G., has been elected to represent the County of Alexandra.

The death of Rev. R. Robertson, well-known in Zululand, is reported. He was better known by his Zulu name, " Umzimela," and laboured for about 36 years.

A Bill has been published, to come before the special session now sitting, for the annexation of Zululand to Natal, also to make provision for the return of Dimizulu to Natal.

The Government have decided that the interest on the surplus of £70 in connection with the Shepstone Memorial Fund, which was handed over to the Government by the Shepstone Memorial Executive Committee, shall be devoted to the purchase of a prize for the candidate who passes highest in Zulu at the first Civil Service Examination held in each financial year.

Accounts of a ghastly murder at Upper Tukela have been received. The murderer was a Native, six feet high, correspondingly broad, and the terror of Natives all round about. He had several wives, but was not content, and the result was the ferocious crime which startled the whole district. He sent the assegai through the heart of his sweetheart, and when the other girl called out, " What, are you killing my sister?" he turned to her and plunged the weapon into her breast. Leaving the scene of his brutality, and having armed himself, he met the father of the girls, to whom he remarked, " I have married your daughters for you." To his wives he said before he left, " You had better go home to your people, and get married again. If you stay relatives of those girls will probably kill you." He then proceeded to hide himself in a cave among mountains, where he was surrounded. Seeing escape was impossible, he placed the muzzle of his gun under his chin and pulled the trigger with his foot, and shot himself. As the lifeless body fell to the ground the bereaved father of the murdered girls rushed forward and plunged his assegai into it again and again, nor did he rest till he found that his vengeance was of no avail.

**The Transvaal.**

Four Natives laid down at Klerksdorp on Thursday night against a brick kiln, at which they were employed, under a tarpaulin. On the following morning three of them and a dog were found suffocated, and the fourth man nearly dead, but he has since recovered.


After the verdict in the Baard divorce on the 17th inst., the petitioner followed the correspondent, Sherster, to the verandah of the Court, and there struck him, with a sjambok, twice in the face. Sherster, who was the more powerful man, wrested the weapon from Baard, and the latter got the worst of it.

A " circular to the people of the South African Republic " is being distributed freely amongst the Burgliers of the Transvaal, which sets for that though they value Paul Kruger's past services as President, he is old and his vigour is failing, and he should have a well-earned rest. In the person of Mr. Schaak Willem Burger, the man shown to them in the same manner as Moses of old (who released Israel from the yoke of oppression), they observe their deliverer from many a heavy burden.

The Native sentenced to death at Johannesburg for rape in the Lightfoot case was to be hanged on Saturday week. On Friday the Executive resolved, after medical representations, that prisoner's execution should be deferred if too ill to walk to the scaffold. The hollow military square had been formed, the chaplain, doctors, and hangman were present, the bell tolled once, when the gaoler arrived and announced that the prisoner was too ill to be hanged. The execution was accordingly deferred. Illness is said to have been the result of fright.

During a thunderstorm on Sunday last a Hollander named Bruigom, engaged at the Hollander Plantation, on the farm Syferfontein, near Johannesburg, was struck by lightning. Mr. Bruigom was sitting with his wife and child in the parlour of his house, and, strange to say, the electric fluid must have darted through the kitchen into the sitting-room, and though wife and child escaped scot free, Mr. Bruigom fell senseless to the ground, was badly scorched on the breast and stomach, and there were also marks on his feet. Dr. Kanin was summoned from town, and by his aid Mr. Bruigom was restored to consciousness. He is progressing favourably.

I TOLE LE “MVO,” (“MVO” EXTRA), THURSDAY, NOVEMBER 25, 1897.



YeGUSHA

## I DIP EKA LITTLE.

Abafuyi be Gusha abantsundu mabafune i Dip ye Gusha ka LITTLE xa ke bafuna yona maze banga tabati nanye yezi zinga pantsi kwayo ngokulunga

<b>EKA LITTLE</b>
<b>I DIP ZEGUSHA ENGU MGUBO</b>
Yeyona i Tshipu ne Lungileyo kwezi koyo.
<b>IKO KWINDAWO ZONKE</b>
<b>EDIPU ENGU MGUBO</b>
Yeyona ilungileyo, nenamandla ekupitiseni imihlambi ye gusha.
<b>NGAMANANI BOBALELA</b>
<b>MORRIS, LITTLE, &amp; SON, Limited,</b>



## IGQITILEYO

SINGENISE KWELI LIZWE

# IBLANKETE

# ZOBOYA

*EZILUKWE NGOBUGCISA OBU BODWA, Igama layo yi EXTRA NAVY or MATTROSS”*

Kungeniswe ngabanye intlobontlobo ezifana noluhlobo; esigqibe ke kwelokuba SIZIPAULE i BLANKETE ZONKE ngopawu esiluginisele na Komkulu ngohlobo lwemifanekiso le yongamele lenteto.

Ukuba ufuna IBLANKETE YEYENENE, kangelisa kunene ukuba inawona umfanekiso we **NGONYAMA** kwelinye LAMASONDO ayo

ZONKE EZI BLANKETE ZIZEZINGATANDATYUZWAYO. ZONKE EZI BLANKETE ZILUNGILE ZITE GUNQU, IBLANKETE NGANYE IYAYIVELA IMBOLA.

Kwivenkele enitengakuzo-ke bizani Iblankete ezinomfanekiso we Ngonyama.

Ziya kubako kuzo zonke ivenkile za Pesheya kwe Nciba nase zidolopini zonke, APO ZIFAKULWA KONA KUKO

***JAMES WEIR & Co***  
**E QONCE.**

Ngabobodwa abanokubhala lomfanekiso we Ngonyama

## I Tole le, “Mvo”

NGOLWESI-NE, NOVEMBER 25.1897.

EZENDAWO NGENDAWO.

**COLESBERG.**

Amanzi ngoku ayatengwa ngenxa yokubalela.

**E NYATI.**

Ilanga lingxamele ukubandezela kanobom kwezinye indawo apa e Koloni. E Nyali amanzi setlutwa ngetlayi atengiswe nge-emele, into engazange ibonwe apo ngapambili.

**BARKLY EAST.**

Abalimi ababesuke e Batenjini beza kwimihlaba yabo e Barkly East, babuyele kwase ba Terjini ngenxa yokama kwelizwe. Nengca ebiko yome kwati tu liqabaka, lentసుku ezine labushulisa.

**I CRADOCK.**

Umanyano lwaba Rwebi lugqibe kwelokuba ibolide ze Kresmesi ne Nibidyala ziqale kusuku olungapambi kwe Kresmesi ziqube yonke iveki elandelayo, umsebenzi uyokuqala ngo Mvulo, January 3.

**E DODDRO.**

Ngomhla we 18 October, 1897, kubonwe intombazana ifile entabeni, inqunyulwe umqala. Kuko umfana ororelwayo, ke lomfana usesetolongweni. Ityala belimiselwe ukulingwa ngomhla we 12 ku November lo.

**KWA KOMANI**

Libalele imbali kweli lonke. Umntu ongu Lendxya Msane unyatelwe yikari wafa- Kube kunnyama. I Lawu eliqeshwe kwa Mr. A. Bell elimnyatelisileyo libanjwe.

Kubube ngebaqo kusasa ngo Mvulo kwi Hexagon Hotel, e Komani, u Mr. George Hay, umnumzana owaziwayo wase Komani. Ubulewe kukuqauka komtambo.

**E TINARA.**

Ngolwesi Ne olugqitileyo, kuhle ingozi embi endleleni kalolwe kufupi nendawo ezisetyenzelwa kny inqwelo zikalolwe. Inkwenkwana entsundu engu Seise Topani owayesisa ukutya kuyise, ubuye nge treni yempahla. Wati wa ekufuphi ezindlu watsibisa ihamba, wabizeleka pantsi kwewili, wanyatelwa ngokoyikekayo; ufe kwa oko.

**E MBO.**

U Dr. Rein, umhloli wezikolo, usapumle emsebenzini ngokungapili. U Mongameli we Mfundo umise u Mr. George Underwood ukuba ambambele kwelo lase Mbo.

E Kokstad kuhlanganiswe £70 ukwenza isikumbuzo sika Mr. W. E. Stanford, ukubonisa ukukoliswa yinqubo yake ngenxsha abe yi Mantiyi Enkulu kwelo lase Mbo.

**VICTORIA EAST.**

Ngolwesi Tatu kule veki igqitileyo kubulewe i Lawu eliligqira ngase Dikeni. Isidumbu sifunyenwe kufupi kwa Modi e Ncera. Uyise womfazi ukwaligqira, ubanjwe ngokuranelwa.

I Hospatala yase Lovedale kulindleleka ukuba ivulwe ekupeleni kwalenyanga, kungenjalo ekuqaleni kwezayo, ngu Sir Gordon Sprigg. U Rulumente urole i £1,000 ukuncedisa ukwakhiwa kwamagumbi abantsundu, ne £250 ukwakiwa kwamagumbi abamhlope.

**E FREE STATE.**

Ingqaka isapelite e Bloemfontein. U Dr. Leyds ipakati lase Transvaal ulindelwe e Bloemfontein ngendaba zamacebo omanyano nokuhanjiswa kololwe.

Ngo Mgqibelo ogqitileyo, kwi fama ekufupi e Kroonstad, kwakuselwa utywala, kwaxilwa kanobom ngabanye, I Netevu ezimbini zaxabana kwaliwa. Omnye umqengeq pantsi uwabo wengeqe pezu kwake. Kute kusenjalo kwafika omnye wamkaba lo wayehleli ngapezulu entloko. Wawa kwa oko, waqauka.

**EMAMPONDWENI**

Kumiswe isebe le Posi e Cumgee (Buntingville), itatwa e Ngqeleni. Lisabalele ilanga, ilizwe libandzeleleki. Inkumbi zivakala kwelase Mzimvubu nase Mampondweni.

U Landipasi usabuqa kwelicala lingaselwandle e Mampondweni. Abaqubi be toro pakati ko Mzimvubu ne Kokstad bafelwa kakulu yimpahla. Kuko umfo olahlekelwe zizipani ezibini kwasala inkabi ezintatu kwakupela. Abantu abantsundu kona bazitenga inkabi nge 10s. nye.

**BEDFORD.**

Ukuzingisa kokubalela kubange ukubandzeleka kulomandla. Ingca ithile, akuko manzi empahla kwifama ezininzi. U Lindipasi nokubalela kwelanga, ezonto azibonwabisile abalimi.

I Netevu ezintatu ezazigoduka zivela kusobenza kwalolwe kulomandla, zapangwa liqela kwalabantsundu kufupi nesango lakwa Dixie ngokuhlwa kolwesi Taty. Lamasela awawela lamadoda matatu, awayilahla pantsi impahla yawo, azikusela ngokutii nawo alwe ngenduku; kute kusenjalo omnye wabapangi waqubula impahla leyo wela kwantsiza, balandela nowabo, Yaba iyapela into ekungayo,

**SOMERSET EAST.**

U Rev. E. J. Barret ubemele ukuquba inkonzo zonyaka ze Bandla lama Wesile kulomzi kwi Cawa egqitileyo. Ipepa lalapa liti u Mr. Barrett ngomnye wabafundisi abababilekileyo, abanempe-mbelelo entle kwibandla lakwabobo. Wanyulwa yile Komfa ibisand’ ukubako ukuba avelele iziqingata ngeziqingata ngento ze Rona. Entlanganisweni ngolwesi Bini ubeyakuba ngomnye weziteti ezipambili.

**E KIMBILI.**

U Mr. Cornwall ukupe isamani ngaku Mr. Cronwright-Schreiner, ngeneteto ati yeyokunngcolisa ayeuze kwi *Diamond Fields Advertiser* pezu kokusikwa kwegama lake kumntu wabavoti.

Ngo Mvulo ongapaya u Mr. Tengo-Jabavu wongamela intlanganiso ye ‘Ti eyayisenzelwa ukubuta imali yokutenga izitulo zetyalike ka Rev. J. J. Jabavu, e Beaconsfield. Kwabako amaleli namanene ambalwa amhlope. Kakade latshayelwa elotyala.

I Kantsela yomzi igqibe kwelokuba i Komiti yomsebenzi ikangele ukuba kungatiwanina ngokufudusa i Lokishi zabantsundu zibe ngapandle komzi. Abamhlope baneliswa kukufudusa kwaba kwebekusitwa yeyase De Beers. Hai inzima ze Lokeshoni.

U Mr. McAdoo uquba imidlalo yake kwintlanganiso ezixineneyo kwele Mbokotwe. I *Diamond Fields Advertiser* iti ngobunye ubusuku kwakungeko nesitulo esinye kwindlu yemidlalo (Theatre Royal), ikolwa ukuba akuko nomnye owemka edanisise kukuquba kweqela lika “ Mac.”

**KWELABE ROLWENI.**

Lisabalele ilanga, noko ngoku liyatembisa ngemvula.

U Gert Mahnra, inkosi, usematyaleni ngokubulala umntu.

Kubanjwe umfazi omhlope ngokutengisela abantu abantsundu utywala. Sebelishumi elinababini abantu abahlwe yi fiva enkulu yona e Vryburg.

Ityala le Netevu ezazivukele umbuso, azavuma ukuba kuqeshiswe ngazo, ezilindele kengoko ukutetwa kwetyala, lisive kumhluzi omkulu wamatyala, ukuba akangele ukuba lingasondezwana ezi Jajini. Kubonakala ukuba akuko bungqina baneleyo ngokwangoku.

Lamanqugwala anopondo, njengoko kwaziwayo, ayawubiza umbane. Kwisipango ebeke ukutya kwelanga ngolwesi Tatu, e Mafeking, libete indlu eyayinomfazi nomtswana. Umfazi ufe kwayoko, etshe ngokoyikisayo; umntwana kwasa eqauka. Kuvakala ukuba bakumnshumi amahlanu abantu abafe ngohlobo kwesi sithi sabantsundu sise Molopo kwiminyaka elishumi egqitileyo,

**CALA.**

Elinye ityendyana belipambi kwamatyala ngesenzo esibi. Ute kanti unkabi uqele ukuya kuquba kakubi kwamlungu. Suka u Satana wati yenzani oku, kanti uti vaar. Kusuke kwalityalwa apo kukona ngonkewu. Uti yena xana umntu efuna ukumbeka ehlazweni enze apo, ebengacingi kona. Wabambatisa ngobutongo de kwavuka nabantwana, kuba omnye yinasi. Umlungu: Ntombazana ! upi ? Nqi ucango ekamileni yayo. Vuka, ngubani lo unaye? Kwapululu. Ngudade wetu. Vukani. Yati kanti inkewu ikutule yetya konke, yayingohlha ngona ukuputuma ibukholo ukuya kutshona entangeni. Pambi ko Mantiyi iposwe paya loqitya netyali kadade, yema ngogaga inkewu nalolokwe inye; yaye nalentwazana ingumtshana kunkewu, yaye iminyaka yayo imayela neshumi elinane. Umyuzo wesono sayo inkewu ibe yinyanga isebenza nzima, okanye i £5. Ubeanelwe unyaka nangapezulu ngombulo onje. Usindile. Makabulele ku Satana wake.

**GLEN GREY.**

Njengokuba beke kwahlokonyiswa ukububa kwenkomo ngo July, ewe zabuba kwancanywa kwelo icala lenkomo kwapela.

Kugalelelele ukufa kwabantu. Kuqale e Mount Arthur, kubantwana abancinane. Ngo October de kwangaye u November lo sinaye, sekupume abantwana abalishumi, ngapandle kwabasaleleyo,—zizisu zegazi, ukohlokoхло, njalo njalo. Yaye imizi yonke iselusizini lokonga.

Ngumninimzi nomnikazi-mzi (u Rev. D. B. no Mrs. Davies) abate ngenyamekokazi enkulu ngenxa yosizi abalubonayo, bazikataza ngenkutalo enkulu ngokumana bejikeleza bengena kuzo zonke izindlu ukuvelela imikuhlane, benika amacebo; baye oko bekwenza imihla ngemihla. Kude kwalsazi komnye umntwonyana baka Tati, ekute ngo 12 November kwapuma imipefumo emitatu ngelanga elinye, namadlaka aba matatu, baye besagula. Kulowo mzi sebelahlekelwe yimipefumo emitandatu.

Nabantu abakulu zike zapantsa ukubabushulisa zizisu zegazi. Hai noko Opezu-lu wabuya wapakamisa isandla.

Kunzima, ilanga libalele ngokungena ngxelo. Kunzima kulawo makolokolo asala ku Landipasi. Kubonakala ukuba kukona amadoda abesindile ku Landipasi azakuba kolubi usizi ngenkomo zawo.

Letyanga ingu November yiyona nyanga iti ukuba kugqite yona imvula ingananga, luqale apo ukolo lwamadoda lwemvula lube ngokuva.

Namhlanje ngumhla wenkani nenqaba.

Soka sibone kona yana imvula

ngo December, ukuba ingana, inkatyana ezikoyo zisiwanje yinqini lobapina ixesha ledyokwe, lona elokugaba czimogolo loba lilipina ? Limaxongo linjalo.

**E QONCE.**

U Mr. Williams E. Haynes wenziwe i Felkometri ye Ward No. 8, endaweni ka Mr. A. Poutz, opumileyo.

Ababulali base Nqantosi—u Mityi Skoon no Thomas Skoon—baxonywe etolongweni ngo Mvulo. Kuvakala ukuba umfazi ubonise ukomelela okukulu, akavuma ukuzipulapula iziyalo zomfundisi obeko u Rev. B. E. Holmes. Bebehanjelwa ngetyalike ngo Revs. D. Ntlabati no P. Kawa. Bafe besiti bamsulwa kwelityala. Kokunjulwa ukuba bane aba bantu baxonyelwa bona aba bakwa Skoon, babebulewe ngosuku lwe 14 ku April e Nqantosi kumandla wase Cumakala.

Ukumka komhla ngo Mgqibelo, kwakuko imbuto ebukekayo pambi kwendlu yemantyi; u Mr. no Mrs. Garcia bavulele ituba ko “Dade Bomkosi Wovuko” ukuba batengise impahla. Imali eqokelelwayo eyokuncedisa lomkosi kumsebenzi opezu kwawo wokwakiwa kwendlu yesinala e Mtwaku, apo kofundiswa intombi ezintsundu ngokwemigaqo ye Botwe le Mfundo yokuqeqeshwa kwetitshala czintsundu. Igubu lama Joni latsho ngento emnandi yengoma. Imali efunyenweyo ikuma £30 nama £40.

**E NATAL.**

Kwipepa lakomikulu kuko isaziso sokuba u Thomas Keir Murray, C.M.G., unyulwelwe ukumela i Alexandra e Bandla.

Kuvakala ezokububa kwa Rev. R. Robertson, owaziwayo kakulu kwelakwa Zulu. Kwelo ebesakwaziwa ngelokuba ngu “Mzimela.” Wasebenza kona iminyaka engama 36.

Kucetywa ukumiswa komteto, oya kub ekwa pambi kwe Palamente njengokuba idibene, wokuba elakwa Zulu libe pantsi kolaulo lwase Natal, nokuba kwenziwa amalungisecelo okubuyela kuka Dinizulu kwa Zulu.

U Rulumente ugqibe ukuba umncono we £70 owasala kwisikumbuzo sika Somtseu (Shepstone), wanikelwa ku Rulumente yi Komiti yalomcimbi, mayitenge ibaso lomntu oyakupumelela pezulu kwinteto yesi Zulu kuwiwo lwabafana kumsebenzi wakwa Rulumeni.

Pezulu e Lutukela kuvakala ukubulawa kwabantu okoyikisayo. Umbulali yi Netevu, uxwebetu lomfo omde, onewonga, obesoyikwa kunene ngabanye. Ube negela labafazi, kodwa enganelisisewe, ubesafuna intwazana, ate wenza into ewotusiseyo umntu. Uhlabe intwazana etile ngomkonto, ete yakuti enye intwazana. “Umbulala nganina udede wetu,” waselewuhloma kuyo esifubeni. Umke apo waya kuyise wezintombi wati, “Intombi zako ndizitshatisele.” Abafazi baka wabayalela ukuba mabagoduke baye kuzitshatela; ukuba babheli kulomzi wake baya kubulawa ngabahlobo bezintombi zifileyo. Waya wazimela emweweni ezintabeni apo wafunyanwa kona, wangqingwa. Ate akubona ukuba akanaqinga, wawubeka umlomo wompu wake pantsi kwesilevu wazidubula, wafa kwa oko. Ute akawa uyise wala mantombazana waziposa wamana emhlaba ngomkonto, akayeka, wada waqonda ukuba selepelile.

**E TRANSVAAL**

Kuko indodana Emhlope ezijule pambi kwe Treni e Park Station, ngo Mgqibelo. Yanganjulwa kubini.

Indlela ka lolwe embiwayo esuka e Pietersburg ukuya e Pretoria iyakulaeza. Seyigqitile e Waterval, nomhlaba sewumbiwe kwemange Nylstroom. Intsimbi ziyakufika e Nylstroom nge Kresmesi.

Ngokuhlwa ngolwesi Ne, e Klerksdorp, i Netevu ezine zangena kwindawo yokutshisa izitena—apo zazisebenza kona zalala apo zizigqume nge seyile. Kusasa kufunyenwe batatu kubo kunye nenja befutaniseleke bafa, no wesine seleqauka, noko keyena ubuye wapila.

Emva kokuba ligqetyviwe ityala lika Baard lokuxaula undimnangele owayonakalelwe ngumfazi ulandele u Sherster, wafika wambeta ngesabokwe ebusweni kabini. U Sherster, owaye namandla kunomnye, wasahluta ku Baard mambeta kakulu, Abacita indlu zabantu mabalumke. .”

Kuko isaziso kubemi base South Africa, esisasazwayo kwelase Transvaal, esiti nakuba u Paul Kruger ewenze kakuhle umsebenzi wokongameli, kodwa ke ngoku walupele selepelelwe ngamandla, makapumle. U Mr. Schaik William Burger, otyiliveyo njengo Moses wakudala (owawakululayo ama Israyeli embandzelweni) nguye oyakubatula imitwalo yabo enzima.

Kwisipango esasiko nge Cawa egqitileyo i Bhulu ekutiwa ngu Briugom, owayesebenza kwintsimi eyi Hollandia, kwifama eyi Syferfontein ngase Rautini, ubetwe ngumbane. U Mr. Briugom wayehleli nomfazi wake nomtswana e *jjala*, umbane wangena ngase *kitsihji* umntwana nomfazi basinda, wabeta ku Mr. Briugom, wamtshisa esifubeni nase siswini, wenza imitshiti nase zinyaweni. Wabizelwa ugqira. Uqubela ekupileni.

Umflo owayegqetyvelwe ukufa e Rautini ngobudlwengu kwityala lakwa Lightfoot, wayeza kuxhonywa kulo Mgqibelo ugqitileyo. Ngolwesi Hlanu i Bhunga lagqiba pezu kwengxelo yegqira, kwelokuba usunu lokuxhonywa, lubuyiswe umva, kuba umbanjwa egula ngangokuba angabinakunyukela emntu. Kute seyilungisise indawo, umfundisi, amagqira, nomxhomi sebeko, nentsimbi seyike yabetwa, wagaleleka umgcini ntolongo nelokuba umbanjwa ufa kakulu. Lwaba luyabuyiswa njalo usuku. Kutlwa uguliswa kukoyika,